

AmaPhupha oMdanisi weBhaleyi

IBALI ELIYINYANI

NguMichaela noElaine DePrince

IMIBA EPHAMBILI

- Eli libali eliyinyani elikhuthazayo
- Lingomntu ongumzekelo kubo bonke abantwana baseMzantsi Afrika, amantombazana namakhwenkwe!
- UMichaela ukhe walityelela eli laseMzantsi Afrika. Ngo-2012 wayemenywe yiJoburg Ballet ukuba adanise njengomdanisi ophambili.
- Le ncwadi ifundisa ngezinto ezininzi ezifana nokuba nomonde, ukuzimisela, ukuba nesibindi xa ujongene neengxaki. Ikwabonisa ukuba uyakwazi ukulifezekisa iphupha lakho nokuba imvelaphi yakho injani.

UPAPASHO: Meyi 2017
IXABISO: R120
ISBN: 978-1-86842-825-0
e-ISBN: 978-1-86842-828-1
AMAPHEPHA: 64
UBUKHULU: 180 x 138 mm

MALUNGA NABABHALI

UMICHAELA DEPRINCE wazalelwa eSierra Leone ngo-1995. Emva kokusweleka kwabazali bakhe, waya kugcinwa kwikhaya labantwana abangenabazali. Kulapho waye wafunyanwa khona ngumama wakhe omtsha, uElaine DePrince, waza waya naye eMelika ngo-1999.

Umama wakhe, okwangumbhali abhale naye le ncwadi, nguye owaqala ukumsa kwizifundo zebhaleyi. Namhlanje uMichaela ngumdanisi webhaleyi owaziwayo, udanisela iDutch National Ballet. Uyavela nakwialbam kaBeyoncé ethi *Lemonade*.

INGCACISO

"*Ngenye imini eyayigqutha, kwawela imagazini endleleni phambi kwegeyithi. Ndayichola. Le magazini yayineqweqwe elinomfanekiso womama omhle. Wayenxibe ilokhwe epinki emfutshane. Wayekhangeleka onwabile.*"

UMichaela DePrince wathi xa eneminyaka emithathu wachola ifoto yomdanisi webhaleyi. Loo foto yabutshintsha ubomi bakhe. Ngelo xesha wayehlala kwikhaya labantwana abangenabazali eSierra Leone. Kodwa wakhawuleza wathathwa lusapho oluthile lwamenza umntwana walo, lwaza waya kuhlala naye eMelika.

Nangona uMichaela wayeqale ngokungayazi ukuba yintoni ibhaleyi, zange ayilibale ifoto yomdanisi webhaleyi awayeyibone ebuncinaneni bakhe. Wayefuna ukonwaba njengaloo mdanisi. Umama wakhe wamsa kwizifundo zebhaleyi esakuqaphela indlela ayithanda ngayo. Yaba kukuqala kwakhe ukudanisa oko.

UMichaela wachongwa njengoyena mdanisi mncinane kwiDance Theatre of Harlem yaye ngoku udanisa neDutch National Ballet, eyona nkampani iphambili kwibhaleyi.

UMichaela uye wangumdanisi ophambili kwidotyhumentari eyaziwayo, i*First Position*. Ukhe wavela kwiTV amatyeli ngamatyeli, kuquka kwi*Dancing with the Stars*, *Good Morning America* nakwi*BBC News*. Ngo-2014, i*The Times* yamfaka kwi'Top 25 Under 20' uMichaela yaza i*Elle UK* yamfaka kwi'30 Under 30'.

Ngo-2015, inkqubo yeTV yesiDatshi iye yalungiselela ukuba uMichaela adibane okokuqala noMegali Messac, laa mdanisi webhaleyi wayembone efotweni.

IiNkcukacha zoQhagamshelwano
Iintengiso**:** Elmarie Stodart | estodart@jonathanball.co.za
Ukwazisa iimveliso: Anje Niemandt|
anje.niemandt@jonathanball.co.za
IiNkonzo zabaThengi: 011 601 8000